SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   - ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   - ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   - ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: ISINCOKO

## UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndonwaba kakhulu ngolo suku **[50]**

1.2 Ixesha lasehlotyeni **[50]**

1.3 Ndazinceda ngokulinda! **[50]**

1.4 Kuninzi okunokufundwa ngabantu abadala ebantwaneni **[50]**

1.5 Abukho ubomi ngaphandle kwemfundo **[50]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6




[Uthatyathwe ku: www.spunout.com] **[50]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta uvuyisana naye ngokuphumelela imatriki. **[30]**

2.2 **ILETA EYA KUMHLELI**

Bhala ileta eya kumhleli wephephandaba uncome ulutsha oluthe lwazibandakanya kumaphulo okudala amathuba emisebenzi kwingingqi ohlala kuyo. **[30]**

2.3 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

UnguNobhala weqela labafundi (*LRC*) esikolweni sakho. Benibambe intlanganiso yokuvala unyaka.

Bhala i-ajenda nemizuzu yale ntlanganiso. **[30]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

Ungusihlalo wekomiti yabafundi (*LRC*) esikolweni sakho.

Bhala udliwano-ndlebe oluphakathi kwakho kunye nomqeqeshi weqela lomdlalo (wuxele) osanda kuqeshwa esikolweni sakho, malunga nezinto aceba ukuzenza ukuphucula izinga lalo mdlalo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo uze ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**


Bhala isibhengezo-ntengiso wazise ngemveliso yakho oyithengisayo. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE (*SMS*)**

Bhalela umama okanye utata wakho umyalezo omfutshane umazise ngokutshintshwa kwexesha lokuqala komdlalo othatha inxaxheba kuwo nezizathu zoko. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka eklinikhi eya *eGrand Parade Parking*. Landela iintolo ezisemephini.




[Ithatyathwe ku: www.googlemaps.com, yalungiselelwa uviwo] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African